

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English / isiXhosa

| EkaCanzibe 2018 Ushicilelo I

Land claim reaps rewards

A KWAZULU-NATAL (KZN) community will soon be enjoying the rewards of a successful land claim that they have turned into a private game reserve.



Science powers education

Page 7



The Mayibuye Game Reserve has already created jobs and will ensure that the wildlife economy thrives.

Hlengiwe Ngobese

The first black-owned private game reserve is on the cards for KZN, thanks

to a R15 million government investment to the Mayibuye Community Trust.

The word mayibuye, which means to return in isiZulu, is also the name of the 5

581-hectare Mayibuye Game Reserve which is located between Pietermaritzburg and Durban.

The land being returned to the community was taken via forced removals in 1963,

which saw 445 people lose their homes.

Chairperson of the reserve, Welcome Maphanga said the community was relocated to

● **Cont. page 1**



Youth say YES to employment

Page 8



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

"There can be no greater gift than that of giving one's time and energy to help others without expecting anything in return."

Nelson Mandela

“
100
Nelson Mandela
Centenary
2018
Be the Legacy

Ulutsha luyalixhasa iphulo le-YES

IPHULO LIKARHULUMENTE elilungiselelwe ukudalela abantu abatsha abasisigidi imisebenzi ukuze baumane amava omsebenzi.

UMasego Temane uvuya kakhulu ngokuba eza kufumana amava omsebenzi, ahambelana nezifundo zakhe zeDiploma kwi-Human Resources Management, njengoko eza kuthatha inxaxheba kwiNkqubo yee-Nkonzo zokuQeshwa ko-Lutsha (i-YES).

I-YES, ebisanda kuphehle-lwe kwezi veki ziphelileyo nguMongameli Cyril Ramaphosa, yenzelwe ukuxhobisa ulutsha ngezakhono zomsebenzi nezobugcisa ezifunekayo ukuze ubani akwazi ukuthatha inxaxheba kumaphulo okuguqula uqoqosho lweli lube lwale miha.

UTemane uyacacisa uku-ba emva kokuba ethweswe isidanga ngowama-2016 zange akwazi ukufaka izice-lo zemisebenzi kuba wa-yengenawo amava afunwayo kwizithuba zemisebenzi.

"Kwakunzima kakhulu ukufuna umsebenzi ube u-

ngenawo amava omsebenzi. Ngentlahlandaye ndadi-bana neLulaway Recruitment Agency yona esebe-nzisana ne-YES, yandinika isithuba sokuqeleshwa umsebenzi ndiphangela.

I-YES lilinge elihutywa ngokubambisana ngurhulumente, imibutho yabasebenzi kunye namashishini lokunika abantu abatsha boMzantsi Afrika abasisi-gidi izithuba zomsebenzi ohlawulayo kule minyaka mithathu izayo.

Upando olwenziwe ngamahlakani ethu lubonisa ukuba isithuba esingunyaka omnye ubani esebeza kwi-CV ehamba neleta yengaci-so nengqina izakhono zom-faki-sicelo, siwaphucula ngokuphindwe kathathu amathuba okufumana umsebenzi.

UMasego wongeze ngelithi uyawuthanda umsebenzi wakhe, kuba ubandakanya ukunceda abantu abatsha ukuba bafumane umsebenzi njengoko yena ekwicandelo

lokuqeshwa kwabantu aba-qeqeshwa besemsebenzini.

Ngethuba kuphehlelwa i-YES uMongameli Ramaphosa waboniswa abantu abatsha abali-100 abangabokuqala ukuqeshwa ngale nkqubo, abasebenza kwa-ABSA, e-Investec, eNetcare, eSasol nase-Unilever.

"Eli phulo silibona njenye yeenkqubo zesizwe ezingungundoqo nezibanzi eziza kuncedisa ekudaleleni abantu abatsha amathuba. Enye yeenjongo eziphambili zeli phulo kukuphuhlisa izakhono nobuchule babantu abatsha," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Uye wahlaba ikhwelo kumashishini asakhasayo ukuba nawo adlale eyawo indima njengoko wona ekwazi ukuqesha abantu abaninzi futhi waze waphinda wathi amashishini amakhulu awanakukwazi ukuqesha bonke abantu abatsha ewodwa.

Ngokokutsho kweGo-sa eliPhezulu lesiGqeba

(i-CEO) le-YES uTashmia Ismail-Saville, eMzantsi Afrika kubantu abazizigi-di ezili-15.5 abaneminyaka yobudala ephakathi kwe-li-18 nengama-34, abazizigi-di eziyi-5.8 abaphangeli.

"I-YES ineenjongo zokunika abantu abatsha beli, abangaxhamliyo kwezi ndlela zokuqesha ziset-tyenziswayo ngoku kweli lizwe, ela thuba lokuqala libalulekileyo lokufuma-na umsebenzi osemgangathweni nohlawulayo," utshilo u-Ismail-Saville.

Njengesibonelelo soku-bulela amashishini asa-khasayo, lawo aqeshe abantu abantsundu abatsha, abaneminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nenga-ma-29,aza kuba nelungelo lofumana iSaphulela se-Rhafu yokuQesha esilinga-na nemali eli-1 000 leerandi ngenyanga.

Abantu abatsha abayinxaleny ye-YES kufuneka babe:

- Neminyaka yobuda-

la ephakathi kweli-18 nengama-34.

- Ngabantu abasebenxesha elingaphezu-lu kweenyanga ezinta-dathu bengasebenzi.
- Ngabantu abantsu-ndu (umntu oMnya-ma, oweBala okanye oliNdiya).
- Ukuba iinkampani zi-funa ukufaka isicelo sokufumana iSaphule-lo seRhafu yokuQesha, abo bantu abatsha ku-funeka babe neminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nengama-29.

Ingaba baza kwamkela malini?

Umvuzo kulindeleke ukuba ulingane nomvuzo wesizwe ongowona mncinci onga-ma-3 500 eerandi ngenyanga, oquka noqeqesho namanye amaqithi-qithi. Umyinge weendleko yimali engama-55 000 eerandi ngonyaka. ▶

Xa ufuna iinkukacha ezithe vetshe yiya ku: www.yes4youth.co.za.

Kukho ulwimi olusemthethweni olutsha olu-zayo eMzantsi Afrika

IINKOKELI ZOMTHONYAMA zinendima ebalulekileyo ekufuneka ziyliale kumaphulo okwakha isizwe esingahlutshwa yindlala, esingenangxaki yentswela-ngqesho kune neyokungalingani.

Neo Semono

IKhelobedu ingalulwimi olusemthethweni lwe-12 eMzantsi Afrika ngoku-hambelana nokubuyiselwa kwesidima seenkokeli zomthon-yama.

UMongameli Cyril Ramaphosa ubhengeze oku nge-thuba kubanjwe umsitho wokubeka ngokusesikweni iKumkanikazi yesizwe saBalobedu eMokwakwaila Stadi-um eBolobedu, eGa-Modjadji eLimpopo.

IKhelobedu lulwimi olu-thethwa sisizwe saBalobedu apho uKumkanikazi we-Mvula wesizwe saBalobedu ongekabekwa, eza kuthatha esi sikhundla xa eneminyaka eli-18, emva kokuba ebekwe ngokusesikweni njengoKu-mkanikazi Modjadji we-VII.

Uza kufikelela ebuntwini obudala ngokwamasiko nezi-

thethe zesizwe saBalobedu.

"Ukubekwa kwale Ku-mkanikazi kuyimbali kwaye uMama Winnie Madikize-la-Mandela ebeza kuvuyela kakhulu. Esi sisizwe sokuqala futhi nekukuphela kwaso esiphethwe yiKumkanikazi kweli lizwe nakweli lizwe-kazi liphela," utshilo uMongameli Ramaphosa.

UMongameli Ramaphosa uphinde wambophelela urhu-lumente kwiphulo lokubu-ysisela isidima newonga leenkokeli zomthon-yama.

IKumkanikazi yeSizwe sa-Balobedu yavunywa ngokus-kesikweni ngenyanga yo-Kwindla ngowama-2016 emva kokuba iKomishini engeeMbambano namaBa-nego eeNkokeli zoMthon-yama (i-CTLDC) iqhuba uphando ngendawo esibekwa kuyo isi-zwe saBalobedu, ngokwezice-lo ezangeniswa kwi-CTLDC.

"Urhalumente uzimisele ukuqinisekisa ukuba ayafeze-kiswa amasolotya eSahluko 12 soMgaqo-siseko, ingaku-mbi elokubuyiselwa kwsidi-ma seenkokeli zomthon-yama kweli lizwe lilawulwa ngo-kwentando yesinanzi phantsi koMgaqo-siseko," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Uthe ukuvunyelwa ukuba abantu basetyhini babe-kwe njengeeKumkanikazi eMzantsi Afrika kubonisa ukuzibophelela kumthetho ohlonipha ukabaluleka kol-ingwano phakathi kwabase-tyhini namadoda, ngeli thuba ihlonitshwayo indima yokuhokela edlalwa ngooma-ma kuwo onke amabakala obomi.

"Iinkokeli zomthon-yama zinendima ebalulekileyo ekufuneka ziyliale ekwa-kheni isizwe esingahlu-

tshwa yindlala, esingena-ngxaki yentswelo-ngqesho kune neyokungalingani. Iinkokeli zethu zomthon-yama kufuneka zibe phambili kwi-dabi lokulwela ukubuyise-lwa kamalungelo kune nesi-dima sabantu bakuthi."

Uphinde wayibethelela in-dima ebalulekileyo edlalwa zinkokeli zomthon-yama ekubuyiseleni umhlaba kubanikazi bawo abafanele-kileyo.

"Kufuneka baqinisekise ukuba umhlaba ubuyiselwa ebantwini abawusebenzayo futhi abo babuyiselwe umhlaba kufuneka babe nazo izixhobo zokuwusebenza," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Abantu abaqikelela kwizigidi ezingama-25 abahlala emaphandleni baphantsi kweenkokeli zomthon-yama. ▶

Ubuzazi na?

- Isizwe saBalobedu saphatheka kakubi ngowe-1972 ngethuba iKumkanikazi yeMvula yelo xesha uMakoma Modjadji ehluthelwa ubukhosu namagunya akhe, waze endaweni yoko wenziwa inkosi.
- Lilali neenkosu ezaziphantsi kwakhe zaye zafakwa phantsi kolawulo Iwamazwana ayengozimele-geqe iLebowa neGazankulu ngolo hlobo amasiko atyebileyo atshabalala futhi nomnombo wekumkanikazi osele uneminyaka engaphezelu kwengama-400 walahleka.